# IZICELO SENKXASOMALI ENGEZIBONELELO ZONCEDO KOWAMA2025/2026 NOWAMA2026/2027: ISEBE LOPHUCULO LOLUNTU, EZOBUGCISA NENKCUBEKO

ISebe loPhuhliso lezoBugcisa neNkcubeko leSixeko saseKapa, lihlaba ikhwelo lokufaka izicelo zenkxasomali ezivela kwimibutho ebhalisiweyo ukuba ingenise iziphakamiso ukuze kumiselwe iiNkqubo ezingokuThintela ukuSetyenziswa gwenxa kweziyobisi, Iinkqubo eziphathelele kwimiba yesini kunye noqeqesho lwabanakekeli babantwana abancinci kwiindawo ezisesichengeni kwiSixeko saseKapa siphela kunyakamali wama2026/2027. Injongo ngeli khwelo kukuba malichonge kwaye lixhase ngezimali amaphulo angothintelo axhaswa bubungqina ukuba ekunciphiseni umngcipheko nasekuqiniseni izinto ezikhuselayo.

**Inkqubo iya kuthi ithathelwe ingqalelo kuphela ukuba iyangena kwezindidi zilandelayo:**

**IiNkqubo ezingoThintelo lokuSetyenziswa Gwenxa kweziYobisi**

Inkqubo kufuneka ijoliswe kwenye yezi zilandelayo:
- Iinkqubo ezingothintelo ezijoliswe ebantwaneni abaneminyaka ephakathi kwemi6 neli12 ubudala
- Iinkqubo ezingothintelo ezijoliswe ebantwaneni abafikisayo abaneminyaka ephakathi kweli10 kunye neli19 ubudala
- Iinkqubo ezingothintelo ezisekelwe kusapho, ezijoliswe kubantu abakhathalela abantwana, abaneminyaka eli18 nangaphezulu ubudala, abanabantwana abaphakathi kweminyaka eli10 kunye neli17 ubudala.

Ezi nkqubo kufuneka injongo yazo igxile ekuthinteleni ingxaki, kwaye akufuneki zigxile kuphela kunyango okanye kunakekelo emva kwesehlo.
Ezi nkqubo kufuneka zimiselwe ngokujoliswe kwixesha elifanelekileyo, elilungele ukungqubanisa iintloko rhoqo kwaye zingagungqi, njengoko ubungqina bubonisa ukuba oku kusebenza kakhulu ekuxhaseni utshintsho olungokuziphatha ngendlela endilisekileyo ixesha elide. Ungenelo ngoncedo kufuneka luhambelane neminyaka yobudala, luhloniphe inkcubeko, kwaye luhambelane neemeko ekujoliswe kuzo.

**Iziphumo eszinqwenelwayo kowama2026/27**
Iziphakamiso kufuneka zigxile kulungelelwaniso kunye nemithetho engothintelo yenzululwazi, ngokukhokelwa yiUnited Nations Office on Drugs and Crime (UNODC).

**Zonke iziphakamiso ezingeenkqubo kufuneka zibonise ukuhambelana nemigaqo yeUNODC engezothintelo, kuquka:**
- Ukugxila kwizinto ezibangela umngcipheko nakwezo zikhuselayo.
- Ukusetyenziswa kobungqina obuchanekileyo kunye neendlela ezingophuhliso ezifanelekileyo.
- Ukugxila ekwakheni izakhono, indlela yokuziphatha enenjongo ezintle, nakwizakhono zentlalo
- Ukuquka  ukomeleza usapho kunye nomanyano loluntu apho kufanelekileyo.
- Ukuphepha imeko ezinokukhokhelela kwiziphumo ezibi, isohlwayo, okanye  iindlela ezingephulo elithi liqhutywe kanye malunga noku.

**Nceda uqaphele:**
Isixamali esiziR2 000 000 sikhona kulungiselelwa isabelo. Abafak'izicelo kufuneka banyaniseke xa bebhala iziphakamiso zabo. Ayingabo bonke abafak'izicelo abaya kuthi bafumana inkxasomali kwaye iSixeko singagqiba ekubeni singazixhasi zonke iziphakamiso. Iiprojekthi kufuneka ziqale kwiinyanga ezimbini emva kokufumana imali kwaye zigqitywe kwiinyanga ezintandathu emva kokunikezelwa kwenxasomali.

**Iinkqubo ezingesini**

**Ezi nkqubo kufuneka zigxile kwenye yezi zilandelayo:**
- Iinkqubo ezingezothintelo ezijoliswe kwiintsapho apho kugxilwe kubazali okanye kubanakekeli abaneminyaka eli18 nangaphezulu kunye nabantwana abaneminyaka eli10 ukuya kweli17 ubudala
- Iinkqubo ezingezothintelo ezijoliswe kumakhwenkwna aminyaka eli13 ukuya kweli17 ubudala
- Iinkqubo ezingezothintelo ezijoliswe kumantombazana aminyaka eli13 ukuya kweli17 ubudala

Ezi nkqubo kufuneka injongo yazo ijoliswe ekuthinteleni ingxaki. Iinkqubo kufuneka zimiselwe kujongwe ixesha elifanelekileyo, elilungele ukungqubanisa iintloko rhoqo kwaye zingagungqi, njengoko ubungqina bubonisa ukuba oku kusebenza kakhulu ekuxhaseni utshintsho olungokuziphatha ngendlela endilisekileyo ixesha elide.
Ungenelo ngoncedo kufuneka luhambelane neminyaka yobudala, luhloniphe inkcubeko, kwaye luhambelane neemeko ekujoliswe kuzo.

**Iziphumo ezinqwenelekayo kowama2026/27**

**Iziphakamiso kufuneka zigxile kulungelelwaniso kwimithetho engothintelo**
Zonke iziphakamiso ezingeenkqubo kufuneka zibonise ulungelelwaniso  kwimithethosiseko engothintelo elandelayo:
- Ukugxila kwizinto ezibangela umngcipheko nakwezo zikhuselayo
- Ukusebenzisa indlela engokuqwalasela iingxaki ezithi zidale ukungalingani ngokujoliswe kwisini.
- Ukukhuthaza ukulingana ngokwesini.
- Ukuxela unobangela weGBV kuquka izithethe zentlalo nezesini eziyingozi.
- Ukuqinisa izinto ezikhuselayo kwinqanaba lomntu ngamnye, losapho, kunye neloluntu.
- Mazithembeke ngokunika ubungqina kwaye zilandele izikhokhelo ezingomsebenzi ogqwesileyo.

**Nceda uqaphele:**
Isixamali esiR1 000 000 sikhona kulungiselelwa isabelo. Abafak'izicelo kufuneka banyaniseke xa bebhala iziphakamiso zabo. Ayingabo bonke abafak'izicelo abaya kuthi bafumana inkxasomali kwaye iSixeko singagqiba ekubeni singazixhasi zonke iziphakamiso. Iiprojekthi kufuneka ziqale kwiinyanga ezimbini emva kokufumana imali kwaye zigqitywe kwiinyanga ezintandathu emva kokunikezelwa kwenkxasomali.

**INkqubo engaBanakekeli  baBantwana abaNcinci**

**Iziphakamiso kumele zigxile kuphuhliso lwezakhono zabazali okanye kubanakekeli babantwana (abaminyaka emi2 ukuya kwemi5) ezikhankanyiweyo**
Inkqubo ebanzi engesifundo esijoliswe kwezasekhaya kulungiselelwa abantwana abaminyaka emibini (2) ukuya kwemithandathu (6) ubudala, nezicwangciso zomisebenzi wosuku kunye neveki.
- Isigaba sokuqala (1): Ukususela kwiminyaka emibini (2) ukuya kwemithathu (3) (isiseko)
- Isigaba sesibini (2): ukususela kwiminyaka emine (4) ukuya kwemihlanu (5) (ukuKhula)

**Inkqubo ezizakuqukwa:**
- Iimodyuli ezifanelekileyo ukuba zimiselwa ngabanakekeli babantwana ekhaya, kwakhona
- Ukubonelela ngengxowa yezixhobo kunye nezibonelelo zokuxhasa imisebenzi yemihla ngemihla engokufunda kunye nophuhliso.
- Isikhokelo somnakekeli wabantwana apho sicacisa umyalelo ngamnye.
- Izinto eziprintwayo nezedijithali (amakhadi okuncedisa abantwana ukuba bakhumbule oko bakufundiswayo, iincwadi zamabali, iitshathi, amaphepha omsebenzi).
- Izixhobo zokubeka esweni kunye nokulandelela inkqubela yabanakekeli
- Ukugxila kubudlelwane babanakekeli babantwana kunye nentathonxaxheba yosapho.
- Ukuqinisekisa ukuhambelana nezikhokelo zesizwe ze-ECD kunye nemigangatho yeendlela ezitshatsheleyo zokusebenza.
- Ukuhlanganisa iziphumo ezingokusebenza kwengqondo ngokubanzi, ulwimi, ukuhamba nokusebenzisa imizimba, indlela yokuziphatha phakathi kwabanye abantu, ubuchule bokuyila, kunye nezakhono ezingobomi.

**Nceda uqaphele**
Isixamali esiziR2 000 000 sikhona kulungiselelwa isabelo. Abafak'izicelo kufuneka banyaniseke xa bebhala iziphakamiso zabo. Ayingabo bonke abafakizicelo abaya kuthi bafumana inkxasomali kwaye iSixeko singagqiba ekubeni singazixhasi zonke iziphakamiso. Iiprojekthi kufuneka ziqale kwiinyanga ezimbini emva kokufumana imali kwaye zigqitywe kwiinyanga ezintandathu emva kokunikezelwa kwenkxasomali.

**Iimfuno zesicelo**
Iziphakamiso ezijoliswe kwizibonelelo ezingoncedo mazenziwe ngokubhaliweyo kwifom yesicelo esemthethweni (efumaneka kuzo zonke iiofisi zamaBhungana, amaSetyana ezoPhando nenkqubo engezophuhliso kunye nakwi-intanethi kwa www.capetown.gov.za/grants-in-aid). Iziphakamiso ezingeprojekthi kufuneka zihambelane neenjongo zesicwangcisobuchule zeSixeko kwaye ziquke uhlahlolwabiwomali olucacileyo kunye nolunyanisekileyo.

Xa besenza uhlahlolwabiwomali lwabo, abafak'izicelo kufuneka baqwalasele uMgaqonkqubo ongeZibonelelo zoNcedo, ofumaneka kwiwebhusayithi yeSixeko (ngentla apha) okanye bawucele.

Abafak'izicelo kufuneka babhalise besebenzisa uvimba woLawulo loBonelelo ngeeNkonzo zeZiko: https://secure.csd.gov.za/Account/Register.

Abafak'izicelo kwakhona kufuneka babhalise kuVimba ongoLawulo loBonelelo ngoMsebenzi okwiZiko weSixeko phambi kokuba bangenise isicelo:
https://www.capetown.gov.za/City-Connect/Register/Business-and-trade/Register-as-a-supplier

Zombini iinombolo zobhaliso ziyafuneka kwifomu engezibonelelo zoncedo.

Abafak'izicelo kufuneka babhalise njengemibutho engenzi nzuzo (ukutsho oko iNPO, NGO, icandelo 21, ithrasti, njalonjalo).

**Nceda uqinisekise ukuba uyifunda ngononophelo ifomu yesicelo kwaye unikezele ngawo onke amaxwebhu axhasayo adwelisiweyo:**
- Ifomu yesicelo enguA1, etyikitywe ngokufanelekileyo yaza yafakwa i-inishiyali kwiphepha ngalinye
- Ifomu yesicelo enguA2, yesicwangiso sokusebenza neshishini kunye neprojekthi, etyikitywe ngokufanelekileyo yaza yafakwa i-inishiyali kwiphepha ngalinye
- Ingxelo ngemali ephicothiweyo (ngokujoliswe kwizicelo ezingaphezu kweR100 000) okanye
- Ingxelo ngemali ephononongwe ngokuzimeleyo (ngokujoliswe kwinkxasomali ephakathi kwamaR50 001 kunye neR100 000) okanye
- Ingxelo engengeniso kunye nenkcitho yonyakamali odlulileyo njengoko kuthethiwe ngayo kwintlanganiso kawonkewonke yonyaka (AGM), ityikitywe ngusihlalo okanye lelinye ilungu eligunyazisiweyo lombutho, kunye nekopi yemizuzu yentlanganiso efanelekileyo (AGM)
  (ngokujoliswe kwizicelo zenkxasomali engaphantsi kwamaR50 000)
- Imizuzu yeAGM (engekho ngaphezulu kweenyanga ezili18) ebonisa isigqibo sokwenza isicelo senkxasomali. Ukuba imizuzu ayibonisi oko, imizuzu yentlanganiso apho esi sigqibo sithatyathwe khona okanye ileta esayinwe ngawo onke amalungu ebhodi ebonisa isivumelwano
- Isatifikethi sobhaliso (umzekelo isatifikethi seNPO)
- Umgaqosiseko wombutho okanye amanqaku okubandakanywa kwawo
- Iakhawunti yeerhafu zikamasipala (ehlawuliweyo ukuza kuthi ga ngoku) okanye
- Ingxelo efungelweyo (iafidavithi) eqinisekisa ukuba umbutho awunayo iakhawunti kamasipala
- Isatifikethi sesimo sokuthobela ukuhlawulwa kwerhafu esisebenzayo
- I-invoyisi yeRhafuntengo enexabiso elinguziro ngesixa esiceliweyo, ukuba iRhafuntengo ibhalisiwe
- Iikopi eziqinisekisiweyo zeID zamalungu ekomiti kunye/okanye amagosa anoxanduva
- Ubungqina beakhawunti yebhanki

Nceda uzise isicelo esigqityiweyo, kunye namaxwebhu asixhasayo, kwiSetyana lePhando noPhuhliso lweNkqubo, kuMgangatho we13, kwiZiko loLawulo laseKapa, eKapa (Zijoliswe kuSiphokazi Dyani) okanye zithunyelwe ngeimeyile ku Public.Participation@capetown.gov.za.

Umhla wokuvalwa kokwamkelwa kwezicelo ngowe14 kweyoMsintsi (Septemba) 2026 ngeye12:00. Akukho zicela ezingeniswe emva kwexesha elimiselweyo nezingagqitywanga eziya kuthi zithathelwe ingqalelo.

Zonke izicelo ezingeZibonelelo ngoNcedo ziya kuthi ziphononongwe ngokuhambelana noMgaqonkqubo ongeZibonelelo ngoNcedo kwaye kufuneka zithobele uMthetho woLawulo lweMali kaMasipala, ongu56 wangowama2003.

Ngeenkcukacha ezithe vetshe, nceda uqhagamshelane noAnrich Ras kumnxeba ongu 021 427 7063.

**LUNGELO MBANDAZAYO**
**UMPHATHI WESIXEKO**
CTA185/2026

CITY OF CAPE TOWN
ISIXEKO SASEKAPA
STAD KAAPSTAD

Senza inkqubela yenzeke. Sisonke.